Lirolewa 3/6 nge Kwata (itunyelwe) ingekapeli
4s ipele I Kwata ingarolelwanga
Unokuhlaulela wonke unyaka ekuveleni kwawo Nge 13s 6d.

Izaziso Zabazelweyo, Abatshatileyo, Nemibiko

Irolelwa 2s 6d zingene kanye ; 3s 9d kabini; 5s katatu.

Imvo Neliso Lomzi

(NATIVE OPINION AND GUARDIAN.)

Authorised Medium for the Publication of Government Notices addressed to Natives throughout the Colony and the Territories.

ELIPEPA LIPUMA NGO LWESI-TATU IVEKI ZONKE

Ilungelo Lomzi kupela

Limele imfanelo yabantsundu ngapandle koloyiko

Alicaluli Sizwo nalu Nqulo.

IXABISO 3d.] KING WILLIAMS TOWN, CAPE COLONY, TUESDAY, JANUARY 15, 1895. [Vol. XI, No. 534

IZAZISO ZAKOMKULU.

ZISHICILELWA '.'NGE '.'GUNYA.

INTSHUMAYELO.

NGU MHLEKAZI U GENERAL
SIR WILLIAM GORDON CAMERON.

Itshawe Elibekekileyo lo Didi oluzuke kunene Iwe Bath, Umpati Omkulu opete Imikosi ye Nkosazana kwi Koloni yase Cape of Good Hope, Olaula Umbuso we Koloni, amazwe nezibhaxa zayo, no Mtunywa Omkulu we Nkosazana, njalo njalo;

NGAMANDLA amagunya endinawo, ndiyashumayela apa, ndisaziaa ndihlokomisa umteto omawugqalwe kumazwe a tile pesha kwe Nciba, kwelakwa Gcaleka, elaba Tembu, ema Mfengwini, nakwela ma Bo- mvana, e Mbo, ema Mpondweni, e Mzimvubu, nase Walfisch Bay, ngendlela yokutengisa Utywala kulo Mazwe, ongu Mteto oyakuma umi kuhanjwe ngawo endaweni yo Mteto ocba iweyo kwi Ntshumayelo 'To. 154 wo 1885, No. 165 wo 1885, No. 210 wo 1885, No. 53 wo 1889, No. 40 wo 1892, No. 191 wo 1893, nakwi Ntehumayelo ye Ruluneli kulo lonke elase Mampondweni yomhla wa 21 May, 1804 ekuti zonke ezo Ntshumayelo zaguqulwa apa, ngapandle kokuba zibe zipatelele kwiziposo ezenziweyo ngakuyo, ezimbi nokuba yinqubo eqaliweyo okanye sele ukucikidwa pantsi kweze Ntshumayelo ziguqulweyo kwilizwe ngalinye kula aselekankanyiwe, namalunga nemvume ezikoyo zokutengisa i Wayin, i Beer, Nezi- selo Ezinxilisayo, eziyakuti logama opakati kokuhlokonyiswa kwale Ntshumayelo no- kupela kwexesha Iwozomvume; ziqulunqwe ngendlela ezenza yona entengiaweni eyaveliswa sizo nendleko zabaniniyo abangati babe kuzo njengokungati ezi Ntshumayelo ziguquliweyo zisenamandla.

2. Imvume (Licences) zokurweba ngo Tywala kulamazwe ziya kukutahwa yi Nkulu ye Mantyi okweloxesha kwilizwe ngalinye, okanye ngu Mantyi maluuga nelase Mzimvubu ne Walfisch Bay, nokuba ngomnye umrulumente ongati alatelwe lonkonzo yi Ruluneli ngokuti amhlokomise kwi *Gazette.* Zonke imvume solohlobo ziya kupelelwa lixeshango31 December wonyaka ezakutshwa ngawo, kodwa kuyakuvumeleka ukuba ukukupa ezesiqingata Lonyaka emva ko 30 June yonke iminyaka.

3. Ngemvume yonyaka engati ikutshwe naninina ngapambi ko 1 July ngonyaka, kuya kuhlaulwa i £10. Ngemvume yenya. nga ezi 6 ekutehwa nangalipina ilixa emva ko 30 June ngonyaka, kohlaulwa £5.

4. Ezimvume ziyakuba namagunya okuvumela intengiso tywala nokuba bungaka. nanina, kwindawo eyoxelwa epepeni elo lemvume, pakati kwenteimbi ye 8 kusasa no 6 wangokuhlwa, yonke imihla ngapandle kosuku lwe Cawa, Good Friday ne Kresmes ; kodwa ke indawo ezivunyelweyo ezikwa Mantyi, wonke umntu onikwe igunya pantai kwe Siqendu 2 ukuba anike imvume angazidwabulula eziyure zibaliweyo akuti xhaxhe ngo 11 ebusuku pantsi kwemigqaliselo enga. ti ibe yevakalayo ngamatuba abalulekileyo.

5. Utywala abukutengiselwa, kupiwe ngabo, bunikwe nangubanina onemvume yolohlobo kumntu ngapandle kokuba arole ipepa elibhalwe ngumantyi lokuba afumane obtywala abufunayo.

6. Akuko tywala buyakutengelwa, kupiwe ngabo, bunikwe nokuba nguwupina umrwebi onepepa nelemvt me kumntu onepepa loku. tenga utywala ngapandle kokuba linikelwe kuye ngenqu, oyakulinikela ekupeleni konyanga-ntatu bonke kumantyi weso siqingata akdso. Umrwebi ogqite lemigaqo nokuba yeyesiqendu esingapambi kwesi xa afunyenwe enetyala uyakudliwa imali engengapezulu kwa £20 engenawo afakwe entolongweni esebenza mhlaumbi engasebenzi nzima ixeeha elingengapozulu kwenyanga ezintatu.

7. Akuko nto ekwi Siqendu 4 sale Ntshu. mayelo eyakunqanda umrwebi onemvume ukutengela okanye ukunika utywala nanga. ngalipina ixesha ngobungcatu ukuba kuselwe kwalapo, ngabahlala kulomzi nakwabase luhambeni.

8. Akuko tywala buyakusiwa kulamazwe axeliweyo ngapandle kwemvume ebbaliwe. yo, efunyenwe kwi Nkulu ye Mantyi okanye ku Mantyi we Siqingata eyakubuye ibuyise. Iwe kwakuyfe, lomvume ibhaliweyo iyakuxela ubuninzi nohlobo lotywala omabungeniswe.

9. Ukuba kuko ogqita esi siqendu sandu- lela esi angenise kulamazwe utywala ngapandle kwemvume ebhaliweyo, obotywa. la angabuhlutwa ngamapolisa nokuba nga- banikwe amagunya ngemfanelo ngu Mantyi wesi Qingata, aze xa afunyenwe enetyala yi Mantyi adliwe imali engengapezu kwama £50, engenawo okanye ukongezelela kweso sohlwayo afakwe entolongweni, esebenza mhlaimbi engasebenzi nzima ixa elingenga. pezu konyaka, utywala obo bube lilifa le Nkosaana.

10. Wonke umntu ongati ngokuchaseneyo nale migaqo, atengise, arwebe, adyaraze ngapandle kwepepa lemvume, umhlaumbi nongati enalo ipepa ,elo, atengise, okanye anike, okanye adwelisele ukutengisa, ngalimbi arwebe nangandywala zimbi ndaweni zimbi kunaleya wayevunyelwe knyo ukuba abutengele kuyo utywala, mhlaumbi naxa ate watengisa selipelile ixesha mhlaumb ngokwapula umnqopiso wepepa lemvume yake obekwe kwi Siqendu 4, xa afunyenwe enetyala ngu Mantyi we Siqingata one kuso kuso lomntu nya kudliwa imali engengapezu kwama £50 engenawo afakwe entolongweni esebenza mhlaumbi engasebenzi nzima ixesha elingengapezu kwenyanga ezintandatu.

11. Wonke onepepa lemvume yokutengisa otywala noneye venkile ongagqali imigaqo yala Ntahumayelo uyakubalilifa, ngoknbona nokuqonda komantyi, pezu kwezi zohlwayo zanekiweyo, lokupangwu lomvume yokute- ngela utywala nokuba yeyevenkile nokuba zizo zombini, njengokuma komcimbi, kwangokokoko mhlaumbi ngosuku olungamiswa yimantyi axelelwa ukuba akafanelwe kubuye anikwe imvume yokurweba ngotywala kumbi ngevenkile mhlaumbi ngezonto zombini, njengokuma kwetyala, kwisituba esingengapezu kwcminyaka emi- hlanu.

12. Ezotywala" kuqukwa i Wayin, Beer nendywala, nazo zonke iziselo ezinxilisayo; kwi " biya " kuqukwa nobom- Xhosa.

TIXO SIKELELA UKUMKANIKAZI !

Inikelwe esandleni sam ne Sincamatiselo am Komkulu se Koloni yase Cape of Good jHope ngolusuku Iwa 25 September 1894.

W. G. CAMERON, Injengele,
Itshawe Elipate Ulaulo.

Ngomyalelo wo Mhlekazi, Itshawe Elipate Ulaulo o Bhungeni.
J. GORDON BPBIGG. No. 343,1894.

ISAZISO SAKOMKULU,—No 1240, 1894. U MHLEKAZI I RULUNELI yanelisiwe licebo le Bhunga elipakamileyo pantsi kwamandla anikelwe kuye sisi Qendu sesi xenxo so Mteto wase Glen Grey sika 1894 -ukumisela ababantu balandelayo ukuba babe ngamalungu e Bodi ze Loki sbi kwisiqingata sase Glen Grey :—

No. 1 BENGU: Andries Mpila, Mankayi Tabata

No. 3., MACUBENI : Hendrik Kalipa, Solomon Vanqa no Antonie Cweya.
No 4, MKAPUSI : Booy Nyabuse, Micah Gxowa no Franz Sizani.
No 5, BUFFED DOOBNS : Komana Sibeko, Booy Feni no Dolf Tamle.
No 6, ZWAART WATER: April Mboko, Benjamin Mgcodo no Jacob Fatyela.
No 7, VAAL BANK . Benjamin Noboza, Xaka Njonga no Kama Mabindiza.
No 8, ZINQUTU : Tweni Nakami, Mqikela Kolobeni no Martinse Ndoyiya.
No 9, QOQODALA : Patosi Maneli, Booy Mbengu no Ihomas Sondlo.
No 10, AGNES : Stephen Kalipa, Robert Kobus no Solomon Toka.
No 11, NONESI : James Makasi, Jan Malanga no Richard Twaku.
No 12, MACIBINI : Sareal Antoni, Martinse Ntswana no Zulu Sirwaxa.
No 13, KUNDULU : Bendrik Vanqa, Rulumeni Ngesi no Klaas Nqiningana.
No 14, BOLOTWA : Mehlomlungu Matshoba, Mdlunya Benu no Kellem Fete.
No 15, MBINZANA : Kaleni Mpofu, Marili Mpepa no Sam Mbe.
No 16, LAUTE : Kobocwana Nzonzani, Joseph Jayiya no Booy Sipeka.
No 17, CACADU : Matwa Nywagi, Laho Nqunga no Mqotwana Nciki.
No 18, RODANA : Nyaki Nyaqela, Jacob Beyi and Katsi Vezi.

W. H. MILTON, Secretary.

NGAMAGUNYA anikelwe kuye nge Siqendu 12 ne 13 so Mteto No. 352 ka 1894, Umhlekazi i Ruluneli, ngokucetyi. swa Ji Bhunga elipete umbuso, ukolisiwe kukumisela ababantu balandelayo ukuba babe ngamalungu e Bhunga iase Transkei elimele wonke lomandla ngo 1895 :

1 Veldtman, Gcume no Abram Ntsima- ngo, amalungu e Bhunga lesi Qingata sase Gcuwa ;
2 Sigidi, Enoch Mamba, no Gosani, amalungu e Bhunga lesi Qingata sase Dutywa.
3 John Mazamisa, Mbulawa Ndondo no William Nzimela, amalungu e Bhunga le Siqingata sase Ngqamakwe ;
4 Njikelana, Lumani no Mtyenene, ama. lungu e Bhunga le Siqingata ease Tsotno.

Umhlekazi wanelisiwe kukuba azise kwakona ukuba intlanganiso yokuqala yeli Bhunga iya kudibana kwi Ofisi ka Mantyi e Gcuwa, ngomhla we 14 January, 1895.

W. H. MILTON, Secretary.

ISAZISO SAKOMKULU—No. 1151, 1894.

Unyanzelo Lokubhalwa kwa Ba zelweyo naba Bhubhileyo.

Isaziso ku Bemi Belilizwe.

1. Umteto wo No. 7 ka 1894 uyalela okokuba bonke abazelweyo nababhubhileyo emapandleni elilizwe baya kuxelwa pakati kwenyanga ezintatu kwelahle oko. (Kwa. bazelweyo kwindawo eziziqingata ezizipeteyo nakwimizana ene Bhodi nezithili ekutiwa ziziziixeko, mabaxelwe pakati kwe ntsuku ezinga 42 naba Bhubhileyo pakati kwe yure ezi 36 kwehlile oko). Isohlwayo sokungakwenzi oku kumauqaku ouke asiyi kuba ngapezu kwe 40/:

2. Abazelweyo naba Bhubhileyo bangaxelwa ngenxa yezindlela zimbini:—1. Ngoma. zisi otile ogunyazisiweyo (kangela isiqendu 4 ne 5) oyakuti abonakale ngenqu yake pambi ko Nobhala Opatisiweyo (oyakuba ngumantyi futi) mhlaumbi nokuba ngu. mncedisi wo Nobhala Opatisiweyo le *ngapandle,* oyakubonakala pambi kweyona Filkorneti ikufupi mhlaumbi umncedisi wayo, nokuba Lipolisa kuqukwa ama C.M.R. mhlaumbi. 2. Ngokubhala ipetsbana, (eli. ngahanjiswa ngapandle kwezitampu).

3. Pambi kokuba into ebhaliweyo ihanjiswe njengengxelo ya Bazelweyo naba Bhubhileyo imelwe ukuba ixelwe kumfundisi otile wonqulo mhlaumbi kugqira, mhlaimbi kwi Justice of Peace. Lamapetshana anokufunyanwa ngesisa kuzo zonke ezinkosana zixelwe kwisiqendu 2 nokuba kukuwupina umpati wase Post Office.

4. Omnye kwababantu balandelayo makabe nguye owazisa ngabazelweyo:—Uyise, Unina, xa engenjanganjalo lowo mninimzi apo umntwana lowo wazalelwa kona, wonke umntu obeko ekuzalweni kozelweyo nomntu ogciniswe umntwana lowo.

5. Omnye kwababantu balandelayo makabe nguye owazisa ngaba Bhubhileyo: *Izala. mane esezikulile* zomfi lowo ebeziko ekubhubheni, mhlaimbi ebezize kulunguza, mhlaimbi ebezihleli nomfi lowo. Xa bengenja. nganjalo ke konke abantu abebeko ekubhubheni komfi umninindlu apo abhubhele kona, bonke abakulu abahlala kulondlu nomntu ongowaba lomzimba.

6. Akubizwa mail ngokubhalwa kwa Bazelweyo naba Bhubhileyo.

7. Esi saziso asisingise kwi Netevu ezihlala kwi Lokishi zabantsundu.

8. Kuko amalungiselelo enzelwe ngokubalulekileyo Igiqingata Ezizipeteyo, Imizana ene Bhodi nezithili zezixeko, eyakuti mayelana nazo kubuye kukutshwe ezinye izaziso.

HENRY DE SMIDT. Umpatiswa
Ongapantsi we Koloni.

ISAZISO SAKOMKULU,—No 1188, 1894.

Unyanzelo ngoku Bhalwa Kwa- zelweyo naba Bhubhileyo.

IMIYALELO YOKUNCCWABA.

ISAZISO KWABEMI E IDOLOPINI.

UKUSUSELA, nasemva komhla woku- qala ka January, 1895, pakati kwemilimandlela yeziqingata zonke ezizipeteyo, imizana ene Bhodi, umhlaumbi esitile sesixeko esicalulweyo, bonke abszelweyo kwapakati kwentsuiu 41 kwehlile oko nabo bonke abazelweyo ababhubhayo nokuqukwa nezisu ezipumayo kwapakati kwe yure 36 kwehlile oko bamelwe ukuba baxelwe kwi nkosana ezimiselwe ukubhala kwi Mantyi njengonobhala opatisiweyo, ngapandle kwasezidolopini apo inkosazana emisiweyo iya kumiselwa ekubeni ngu nobhala opati. siweyo, umhlaumbi umncedisi esixekweni wonobhala opatisiweyo.

Kwinto yokuba kubeko obhubhileyo, uku. ba bekuko gqira belimhambela isiqiniselo esivela kwelo gqira masiveliswe xa longxelo yenziwayo.

Isohlwayo sokungatobeli umteto 40/. Bonke abangcwaba umhlaumbi abahambisa inkonzo yokungcwatywa kwabafileyo maye. lana nokungowatywa kwalomzimba ngapandle komyalelo wokungcwaba, umhlaumbi ongakwenziyo ukunika isaziso kwapakati kwe yure 36 zalomngcwabo, ku Nobhala opatisiweyo mhlaumbi kumncedisi ka No- bhala opatisiweyo, umelwe sisohlwayo se £10. HENRY DE SMIDT,

Umpatiswa Ongapantsi we Koloni.

J.NEWING,

(Kwa Nyuwin) o QONCE.

KULAPO ninokufumana eyona MPAHLA igqibelelejp ukulung'oku nge mali yenu KUZO ZONKE IZINTO.

AKUTENGISWA NGAN KUN KUMA.

Yizani kuzibonela
IZITYA ZETU,—IPLEYITI, IKOMITYI NE SOSA, NTALO-NJALO,
ZITSHIP U .

IDYOKWE ziqala kwi 1/6 inye
-DIP KA KUPA (Cooper's Dip).

UBOYA, UKUTYA NEMFELE zirolelwa amanani abetele.

ITYALI NE PRINTI

NGAPAMBI kokuba nitene kwezinye indawo yizani kuzibonela impalila yetu EZITYALI ne PRINI esand ukufika

Eyona Venkile Itshipu nebhetele kwimpahla yoluhlobo kukwa

DYER & DYER, Limited

ITYALI ziqala kwi 4/- zise kwi 30/- inye. Ezoboya zipela ezima Cala-Mabini ziqala kwi 10/- inye. Ezinkulu kakulu zona zevolo ezima Cala- ——, Mabini li 15/6 ebezi fanele i 25/-. Akuko nto zingalinganiswa nayo kule Koloni.

ITYALI xenene zona eze nziwe ngoboya bama ocwane, ezikanyayo Zenziwe ngohlobo olungazange lubonwe.

IPRINTI EZINTSHA.

IMICAKU ebuhlungu yona namabala amahle 5d. iyadi. Imiqulu Emikulu ye Printi, ezibambe ukuba blow (Navy Blue). Ifashoni Ezintsha 6|d. iyadi, bezifanelwe kuba yi 9d.

Kwa DYER no DYER, Limited

KING WILLIAMSTOWN.

INDLU yase LONDON,
CAMBRIDGE

INDLU engalityal*wayo* ngcmpahla yayo ENTLE ILUNGILE kodwa amanani ongapantsi. Ngoku, pakati kwempahla ekoyo kubalulwa :—

Iblankete, Ingubo Zamadoda, Iprinti, Ityali, azifani nampahla apa.

Ikeshemiya zamabala onke zeyiyu zamanenekazi,

Zamaxesha ezingafuni zitshixo ezilunge kunene nge 11 6

Izimanga zamaxabiso nge Wotshi ezifezekileyo kanye 15/*Ezi Wotshi nempahla zitunyelwa iiakuyipina indawo umntu elumele lipepa le Mali lose Ponni.*

w. Lee & Co

KING- WILLIAMS TOWN.

W. M.CUTHBERT and CO,

BASE QONCE.

I Kresmesi Emnandi Kaloku!

Tengani IZIHLANGU NOMAQATENI bszi BOLIDE ze KRESMESI kwa

W. M. CUTHBERT & CO.

Ezamanenekazi Ishuzi Ezitungwayo Zofele ziqala kwi ... 4s.
„ Izihlangu „ „ 5s.
„ Izihlangu ne Shuzi ze Kanvas emfasa ne blowu ziqala kwi 4g. 6d

IZIHLANGU ZEMITYA (Rope Shoes) IZIHLANGU ZEMITYA.
tzipesheli i Felskuni Ezimnyama Zamadoda kwa Nezimfusa nge 5s. 6d.

YIYONA VENKILE EZIHLANGU ZOMELELEYO KULE DOLOPU.

Cuthbert & co

'rl99

Beauchamp, Booth&Co.

EQONCE

ITYALI EZINTSHA!

ZISAND' UKUFIKA.

YIZANI NIBONE!

ZIYAKUNIMANGALISA.

Zezentlobo ezigqibeleleyo zofani ngofani ezingazange zibeko apa e QONCE.

Bonke abavela ngapandle bebefanelwe tukuza kubona EZITYALI ZOBUGQI ngapambi kokuba batenge kwezinye Ivenkile.

BEAUCHAMP, BOOTH & CO.

E-QONCE, KINGWILLIAMSTOWN

Eka LITTLE IDIPU Yegusha!



Engamanzi ------------------- yeyona igqibeleleyo

Nengumgubo Inetyefu, itembeke ngokugqite zonke.

Ayinatyefu!

TSHIPU IZIGQITA ZONKE

Milton, Watson & Co., E-Bai.

Abantu banokucela ezivenkileni abamelene nazo ukuba zibafunela.

BON MARCHE

JOHN W. BAYES & CO.,
GRAHAMSTOWN.

IVENKILE ENKULU ENTSHA,

(Ene Veranda ne Tawa ekoneni ye Bathust Street ne Bala le Tyalike ka Bishop.)

Yeyona VENKILE ITSHIPU kwimpahla Yendidi zonke—KUMADODA NAKUBAFAZI.

Ifelane, Amabhayi, o Matros Boboya, Ingcawa, Ifurini (Winseys), Iflenelana 3id ngeyadi, Itaweli 3d inye, Izinto Zokugqubutela Ingcawa, Iprinti Ezibukali zama Jamani 6id ngeyadi, Ikeshmiya ezi Blanket nezimabalabala, Ityali Ezimnyama Nezimabalabala, Idyasi Zamadoda Ezinzima 10s. 6d., Ibhulukwe Zekodi 4s. 9d., Ibhatyi Zekodi 6s. Neminqwazi ezi Felt.

R!Ibhaso Lesheleni linikwa kwi Ponti nganye umntu atenge ngayo.

IZITOFU EZIHLE ZELOKWE Z0KUTSHATA ZIKO KANOBOM.

JOHN W. BAYES & CO.,

UKUTYA NEMPAHLA
W.A. YOUNG, PEDDIE, ENGQUSHWA

BASOLOKO benempahla eninzi eketiweyo ye PRINTI, IKESHMIYA, ITYALI ne QIYA, njalo njalo ; nayo yonke IMPAHLA elungele Abantsundu

Ubugoxo be Mpahla Yentsimbi, Impahla Ezikumtye, Ipuluwa, njalonjalo.

Amayeza Ahleli Enziwe (Patent Medicines) entlobo zonke ; oka NOGQALA (Jesse Shaw's) Umpilisi Oqinisekileyo Ekulunyweni Zinyoka.

UBOYA, UKUTYA NE ZIKUMBA NEMFELE (Produce) ZIYATENGWA-

IPULUWA ....NAMAGABA..

Yonke lempahla ifunyanwa ngamanani ALULA.

IZIHLANGU INGUBO



No. 2.

R. SYMONS

KWISHISHINI LASE QONCE LE NQWELO NE KALI,

UCELA iroba emzini obanzi ontsundu nomblope ukuvakalisa ukuba unento eninzi yempahla elungiselelweyo ngenyameko ezi Kali ne Bagi, njaloijalo.

Abafuna ukutenga bangaba benze into yengqondo ukuba baqale ngokunhambela okanye batumela ukubona lempahla ngapambi kokuba babhekise ;wezinye indawo.

Ihanesi (zehashe elinye nezamabini) nezibepu zekari ngamaxabiao awona ,te nca pantsi ngoku totywa.

Nabakude banokuvisisana naye ngento abazifunayo zale mikondo.

SINGISANI KUYE! ------ BHALELANI KUYE!!

BUFFALO WAGON AND CARRIAGE WORKS, KING WILLIAMS TOWN.

KANGELA APA!

KANGELA APA !

BAKER, BARER & CO., Qonce.

BATENGISA ZONKE INTLOBO

ZEMPAHLA. NENGUBO

NGAMANANI ATOTYIWEYO KAKULU.

I Lokwe Zamatombazana Nabafazi—I Tyali—I ---------------- Bhatyi—I Minqwazi.--------

IPRINT ISATINI—NEMICAKA

Ezamadoda, Namakwenkwe Izinxibo—I Bhatyi— I Bulukwe—I Minqwazi—I Heinpe—I Zihlangu.

YONKE INTO NGAMANANI ATOTYIWEYO.

KWA BAKER, BAKER & CO.

E QONCE.

KUKO ELITYE LOKUSILA,

—NO-

MASHIN BOKUBHULA.

ABANINI BALO NGO

HAMBIDGE NO MORRIS.

BACELA ukwazisa abalimi bengqolowa nombona okokuba bane Litye elifezekileyo lokusila nokubhula—elino Mashini bababini okubhula. Abacinezela i steel nabantlaka amatye nabalungisa i silika ne ivayari abalungisa ingqolowa bayikete. Kwenziwa umsobenzi wonke.

Wonke Umsebenzi Ufungelwa Ubuhle.

LEMINYAKA I 18

IGQITILEYO,

SINGENISE KWELI LIZ WE

IBLANKETE ZOBOYA

EZILUKWE NGOBUGCISA OBU BODWA, Igama lazo yi EXTRA NAVY or MATTR0SS.

Kungeniswe ngabanye intlobontlobo ezifana noluhlobo; esigqibe ke kwelokuba SIZIPA- ULE i BLANKETE ZONKE ngopawu esi- luqinisele na Komkulu ngohlobo Iwemifa nekiso le yongamele lenteto.

Ukuba ufuna IBLANKETE YEYENE- NE, kangelisa kunene ukuba ina- wona umfanekiso we NGONYAMA kwelinye LAMASONDO ayo.

ZONKE EZI BLANKETE ZIZEZINGATANDATYU ZWAYO.

ZONKE EZI BLANKETE ZILUNGILE ZITE GUNGQU IBLANKETE NGANYE IYAYIVELA IMBOLA.

Kwivenkile enitenga kuzo-ke bizani Iblankete ezinomfanekiso we Ngonyama.

Ziya kubaku kuzo zonke ivenkile za Pesheya kwe Nciba nase zidolopini zonke.

APO ZIPAKULWA KONA KUKO

PEACOCK BROS, and WEIR,

KANGE LAN' APA!

ZIHLOBO ZAMI!

U FOLOKOCO, (PASCOE)

NIKE NAZIBONANA INGUBO ZAKE EZINTSHA ?

EZAMANENE:

Ibhulukwe (Ezisikiweyo zona) Ezekodi Nezezitofu. (Zibhulukwe ngenene asimfanokiselo).—Ibhatyi ne Ndulubhatyi zofani bonke.— Ingubo Zokutshata, kulapa bo apozikona! Zihloli zodwa-Ningazi- libali Ingeji Nemisesane Yokutshata—iyalala.

INGUBO ZOKUTSHATA ZAMANENEKAZI:

Sinqen' ukuteta, Yizani nizokutyebis' iliso.—ILOKWE zenziwa ngu Dresme- ka wetu ovela e Ngilane.—Nike nazibonana kodwa? Yizani kuzibona!

Kwa FOLOKOCO unyana ka SILINDI (Hai). U Folokoco indodana mpela ekungeko nto yimbi ngapaya.— Lento igqiba yonko into ebitetwa!.

U FOLOKOCO E QONCE nase GALA.

I Yeka COOPER Inkunqele!

UYAKUYIBULALA INDIMONI !

MLINGENI

Abantu banokuyaleza kwi Venkile zabo zibhalele kubaniniyo.

GIBBERD & BRYANT

KING WILLIAMS TOWN.

IBLAUZI EZIMABALABALA EZIZIHEMPE (zinekala ezomeleleyo nezihlahla) 2/6.

GIBBERD NO BRYANT, KING WILLIAMS TOWN.

Ukwazisana kwezihlobo

Imitshato.

NTINGANA-M'BELLE. — Kutsha- .tiswe e Bbkesdolopu ngu Rev. J.
Coniwa u JAMES unyana ka Peter no E. Ntingana base Ngqushwa no JANE DZUBE, intombi yesine ka mfi u W no L. Bud. M'belle, nge 26 December, 1894.
2221

Imibiko.

NYOKANA.—Nge 22 ka November, mt e Tyume, kwa Maku-
leni kubUbbu MARY ANN JOHN NYOKANA, intombi yentombi enkulu ka Makuleni eu Anati igama. ibenesito samapapu (consumption). Lentombazana vamkonzalu Tixo wayo iseymtombazana elula, yada yenda isimelela ngaye.

MATSEPE.—E Reddersburg, Orange
Free State, Bloemfontein ku-
bube ngo Mgqibelo, January 5, 1895 ngo 8:30 am Inkosikazi etandekayo ka
Rev. Daniel T. Matsepe. Izihlobo zonke ziyiabikelwa ngalompanga.
Umfundisi u Mr. Matsepe ubenyuke
ngokuvalwa kwezikolo nenkosikazi
nookuya ngase kaya kubazala blo,
vave ingumnqwcno wake lowo omkulu
Sa wenyukakewaya e Reddersburg
Ifa Awase Komam amagqira awa-
nto. Ububele emzini wake.
Ushiye'abantwana ababini
elandela owamaazibulo owabubayo
Ubudala
bake ubeyi 27 years ngo 1894.

Kufunwa.

IT1TSHALAKAZI EZIMBINI ZezikoLo izincediswu kwa Rulumeni, ukutabatela ku 1 April. Isicelo sezindawo kwakunye namapepa alata umsebenzi atunyelwe ku Rev. J.W. STIRLING Buchanan, Qumbu pambi kosuku lwe 15 February.

ITITSHALAKAZI entsundu yokuncedisa kwi Sikolo Sokuqeqesha kwe Ndlovu, kazi. Rhalela uchaze ukufaneleka nandawo zesimilo ku
V. C. S. LUCAS
Lesseyton
Queenstown.

I LETA ZASE MNCEBA,

PONDOLAND,

Maziqtitywe ngoluhlobo :—

Mnceba,
Tabankulu,
Via Mount
Ayliff.
J. I. MJILA.
2221

Jan. 7,1895.

Imvo Neliso Lomzi

NGOLWESI-BINI, JAN. 15, 1895.

IVEKI

XA utenga mblaimbi ubalela kwi venkile ezine zaziso wamsakulilibala ukulikankanya igama le Mvo.—ST.

KUXELWA indlala nembandezelo kwe- 1 lase Newfoundland.

IZIKOLO ezincediswa ngu Rulumeni zivulwa ngo Mvulo weveki ezayo.

ISANDLA sika Kwini, u General Sir H. J Ponsonby uhliwe lidumbe elikulu eku- bonakele ewelile unyana wake osisandla kweli sika Ruluneli Sir Henry Loch.

U GENERAL JOUBERT wase Transvaal , bekutiwa uya kunduluka e Pretoria ekufeni kweveki efileyo ukuya kugqi- , bela isipitipiti sama Auwa ka Moheba.

. U GENERAL GOODENOUGH ufike e Kapa ngeveki epelileyo ezakutata indawo ka General Sir W. Cameron yokupata Imikbsi ye Nkosazana elapa e South ; Africa.

Kwi Bbtwe lase Natal elingu Mgungu- , ndlovu, kekwafika abatunywa bomzi i wakwa Zulu bengomcimbi wokukulu- Iwa kwenkosi yabo u Dinizulu eseloko yaba se Siqitini.

E JOHANNESBURG ipolisa elingu John Swarts liwe ehasheni beliquba umba- njwa livela e Langlaagte, lavikiveka , ukwapuka oku, ngangokuba life kam- ; sinyane emva koko.

IZITUNYWA zenkosana zakwa Zulu ke zafika Emgungundlovu kwi Ruluneli ukuya kutandazela ukuba Inkosi yabo u Dinizulu ikululwe. Alikavakali elika Sir W. Hely-Hutchinson.

IDAIMANI zonyaka ogqitileyo zonke ze Komponi yakwa Mgibisa (De Beers) e Kimberly zitengiswe kumanyano olukoyo e England ngamanani ate tyi. Zirolelwe £3,500,000

UMZANA oyi Orlu kwelama Yuropu omi pantsi kwentaba ezizi Pyrenees uqe- gqelekelwe y intaba yengqele (avalenche), kwafa abantu abalishumi linantlanu)sibhozo senzakala.

AMA. Tempile ase Kapa enze intla- nganiso yokubulisa inkosi uKhama yelama Ngwato ebilihambele kona emncoma ngenqubo yake entle yokwa- lela impi yake ukuba ingabenzi nokayo utywala.

KUXELWA e Kapa ezesinonopu sase Nyara u Niekerk ofe ngequbuliso xa atukulula ingubo ukuba alale.

UMPATI-POSI wase Springs e Rautini .unyatelwe yitreni wafa kakubi ebe- nqamla indicia engaqondi ukuba iku- fupi i injini.

E SWAZINI bapezu kwamatiletile oko- shwama, ngoko umzi awunalo netuba lokupulapula indaba zabatunywa kwi Nkosazana.

UMCIMBI ka Mrs. Norman owadubula umntu omnyama xa angena egumbini lake e Pretoria uke wapambi kwema- ntyi yakona, amapepa awo abekiswa ku Mhluzi-Matyala.

E DELAGOA BAY kutiwa ubusemavu- sweni umzi omhlope ngo Mvulo onga- paya, kwakuba kuvakelc ukuba impi enkulu ka Marazula " iqonde " edolo- pini yase Loreneo Marques. Ifahle yalalisa ngapandle komzi apo ivuncle pantsi ondilele abantsundu.

U MR. HARRY STUART obebekwa ityala e Kimberley lokutyilizela umfo ontsundu emngxunyeni wedayimani ngobusuku be Kresmesi, ukululwe. Ubonise ukuba ubelinga ukumsindisa, kwasuka kwavuma udonga. I Netevu leyo ayifanga.

NAKWAKUBENI kungati ku- delekile inento eyenzayo yona ingxokozelo oyenzayo umzi ngomteto we Glen Grey. Sisand' ukwamkela kwinene elingumhlobo wetu e Kapa okufupi kunene nento zempato yelizwe ngangokuba into azitetayo zikufanele ukwamkelwa konke. Yena ke uti ako amanene azimiseleyo e Kapa apo ukuba awusondeze ekuxutyushweni kwa- kona umcimbi lo onge nqubo yase Glen Grty, ngendlela yokuba aku- tshwe onke amadlala akalazelwayo ngumzi ontsundu kuwo. Lonto ke iyeyokubulelwa, kuba inika itemba elihle, ayifumananga yabako kana- manjazo. Ibingasakubako ukuba umzi ube ufumane wadovalala, owalutyila uluvo Iwawo ngendlela esemhlotsheni ku Rulumeni ukuba awuxolisekile. Sibona isiqamo esi hie ke kulonto yodwa tina— ukuba kubeko inteto yokuxutyushwa kwakona komcimbi onobungozi ngakuti. Akwanele ukuba kube njalo. Sibona kumapepa ashicile-lwa kwindawo ngendawo kuko inguquleko emphungeni womzi. Abaseloko beqwalasele amapepa endawo ngendawo, njengati, bayazi ukuba umoya womzi omapepa aba- mhlope ubuke wangoyitakazelelayo into eyenziwe ngu Mr. RHODES ngokubhekiselele kulomteto : kodwa namhla sipaula mguquko. Kanga- ngokuba elalapa e Qonce eliyi *Watchman* ngolwesi Hlanu litete ngendlela yokuba kufuneka i Palamente ibehle yabizwa ukuba idibane ngenxa yendawo ezininzi ezimandla. Pakati kwazo iteta ngalomteto wase Glen Grey, eti kufuneka ulungisiwe. Eli lipepa elivana kakulu no Colonel SCHERMBRUCKER, de kutiwe lingumlomo wake. Liyi- bhala lendawo naye ekweli lizwe, ede siti tina malibe livakalisa umxhelo welonene ngalendawo. Kwaye kungapele ngokuba kube njalo, kodwa namapetshana anga- delekileyo engxoxwcni njengelo mzana wase Dikeni i *Alice Times* nawo anendawo ehlokomisa uku- ngeneliswa ngumteto lo ngenxa yendawo ezitile. Nakubeni engemapetshana ananzwayo kwezizinto lawo anjenge lase Alice, kodwa entweni enje anokwamkelwa ngendlela yokuba abonisa icala eyalate kulo impumlo yomzi omhlope kumcimbi onje. Ezindawo zibe zizezokuwukhutaza umzi ukuba ungayekeleli ekuxokozeleni okwe- nzayo. Kaloku seloko yati yahlukana i Palamente umzi wema ngenyawo uquba imitandazo eya ku Kwini. Lomitandazo ibiyeyokupakamisa ukungeneliswa komzi esinguwo kokwenziweyo. Ise nale ndawana eyenzileyo—ayikade i Nkosazana isibeke isandla sayo, njengoko isakwenjenjalo, kwinto eyavunywa ngu Sir WM. CAMERON egameni layo. Lamatubulela onke esiwakankanyileyo abefanele uku- wukhutaza wonke umzi ukuba ukalipe okunye. Xa lendawo iya kubuye ibe sengxoxweni e Palamente bekufanele ukuba erne ngenyawo kwangoku amadoda akokeleyo kuyo yonke imizi alungiselele imitandazo eyakuya e Palamente ngoku neyokuxhasa imigudu yabaya kuwundulula umcimbi wokuketwa kwamadlala kulomteto. Akuko nto yimbi banokuyenza, kwaye kufuneka kuqalwe kwakaloku nje.

UMCIMBI WOKUSINGATWA.

KUKO into entle kunene kwela namhla ipepa—yokuti aba- bha eli bakolise ngokusingata inda- wo ezibuhlungu ebhengeni esibubo tina bantsundu. Apo umonakalo usate wazivelisa kona kusekuzipateni kwabantwana. Esivuya kunene ke ukuqonda ukuba londawo inkulu kunene iyawushukumisa umzi wako- wetu upela. Siti lendawo iyenkulu kunene ifanele ukuxutyushwa, eku- xutyushweni kwayo kuyakuvela ukulunga. Abantwana bayakube- hle baqonde yakuba lento yokuzi- pata kwabo ngokuxhwala ingundaba mlonyeni, akwenziwa mfeketo, kodwa umzi wonke, upela, ubaqu- mbele, baze ke babe nokuzidanela ; kwaye kuko nendawo yokuba into eninzi yabazali engaziyo ukuba kujinga pezu kwayo ukubagobela ekulungeni abantwana bayo—kwa besebancinane—iyakuba nokutabata ingqondo kwingxoxo enje. Lixesha elipakamileyo ukuba umzi ungadadi ngeviti mayelana nalomcimbi wo- buntu, kodwa kufuneka uzifunclc, waza wabekeka kumendo owona umisc zonke iutlanga. Lowo mendo banga bangaqonda bonke ukuba ufunyenwe nazizilumko zelama Yuropu ebezingazikatazi ngobu Kristu, ukuba usekwe pezu kokuba izizwe zamkele elocebo lo Pezu- Kona ke zaye ziyakubufumana ubu- ntu. Ndlqia yimbi ayiko.

IMPAWANA.

Iqgxelo Yesikolo sase Dikeni.

Ipepa lale nyanga lase Lovedale i *Christian Express* linengxelo yomsebe- nzi wonyaka opelileyo weso sikolo, ebonisa ukuba inqubo yeloxesha ibe yekutazayo. Siternba ukuba siya kuyipaula ngokudluliseleyo ngexesha elizayo.

Isicelo so Mhleli.

Umhleli welipepa utomakalaliswa nalinqaku elinye lodaba olungamke- lekayo kumzi wonke. Lide lincamise ukuyola lakuba lifutshane. Amanqaku anjengawezipaugo ezikulu, ingqakaqa namanye, ayatandeka. Otumelayo angakoyikeli ukubhengezwa kwegama lake.

Um Rothschild e Lovedale.

U Baron F. de Rothschild, M.P., obeke wakweli lase South Africa nge- bambo, ubese Qonce apa ngolwesi Tatu olungapaya ; waye ezonde i Lovedale apo singatandabuziyo ukuba ubone enye yendawo ezibalulekileyo umntu anokuzibona apa e Koloni: esona sikumbuzo sidluliseleyo semigudu yabafundisi apa e Afrika.

Iqgxoxo Yenqililaba Yetu.

Njengokuba umlilo wengxoxo engo- mzi ontsundu ocukunyiswe ngu Lozi uyo watungeleka e England, bafun' ukuti nabebengavisisi pakati kwama- wetu banakane. Sitsho kuba ibbala xa itumela inxaso yomsebenzi isiti enye imambane, yase Glen Grey u Mr. Makene Mfobo :—
Siyavuyiseka sakuva ingxoxo yamado- doda ase England sfvakalisa ngokumela umzi. Itemba alidanisi. Umonde noko kuuzima— twala Mhleli nakuba inqwelo ingena nkabi ziyitsalayo, utwele into enzima, Ube liliso lomzi. Itemba asinto yake yadanisa. Galela umgquba intsimi iyala.

" UKupelelwa Ngumhlaba."

Libhala ngendawo yololiwe wase Kokstad, ipepa lalo dolopu lifike lenjenje ukuvala inteto yalo :—" U- kuba u Lozi nezinye izitwala-ndwe bezingenziwa ukuba kezikangele nga- pa, zitate ilinga elitile lololiwe wetu besingade sibe netuba lokutemba nto, kodwa ngapandle kokuba kuvele lawo madoda singade silindele u General Booth nokuba ngu Mr. Tengo-Jabavu ukuba asenzele uloliwe xa kuquba ngoluhlobo." Isizatu sokuba omnye lo wokugqibela acingelwe ukuba akangencedise ukuba abeko lo loliwe xa kuko ituba lokumenza asisiqondi. Kodwa kubanjalo indodayakupelelwa liqinga ifumane ibute izibi.

Umtandazo wase Ngcobo.

Kwimihlati yetu ye Singesi 'kesa- bhen eza kweziveki zigqitileyo inewa- di ezihambe pakati ko Mr. Philip D. Poswayo, Umbbali wentlanganiso yamadoda ase Ngcobo, ne Sandia se Ruluneli. Into ebekungayo kuqutywa ko Mtandazo ekwavunyelwana entlanganisweni yamadoda ukuba wenziwe. Isandla se Ruluneli (u Mr. Chas. H. Pennell) sivakalisa ukuba uhanjisiwe ngu Mblekazi Umtandazo lowo ukubhekiswa Engilane. Into engumangaliso' kukuba akubuyi mpendulo kwelo kufumane kweewaka; emakube sezobonakala impendulo kwinewadi zakomkulu eziti zishicilelwe.

Amare Ngenguquio Kubalauli.

Kuko ulure olukoyo lokuba kuno- kubako inguqulo ezitile kubalauli bale Koloni kwa usemtsha lonyaka. Abona bangashenxela ababhetele abaxelwa. Kodwa akungebe manga- liso ingo Messrs. Frost no Laing abangaeelwayo ukuba bashenxele amadoda omeleleyo kunabo, Kwaye kunganqabanga ukubon' ukuba iqela angavela kulo amadoda okomeleza umbuso lelabalandeli baka Rulumeni, elino Dr. Smartt, no Dr. Te Water, kwano Sir James Sivewright, ezona mpobole zelocala. Ke into engacaci- leyo kukuba iyakutiwanioa lonto ukuze yenzeke ukuba lawo madoda akankanyelwe ukuba ngawona anga- roxayo awangi angayenza lonto. U Mr. Rhodes selenengaga zamadoda alike wawakwclelisa endleleni ngendlela zobuqili bake ; esingakolwayo ukuba ukukangela iqinga lokushe- nxisa o Messrs. Laing no Frost kungaba ngokugqitileyo kumdlalo wabantwana.

Amapepa Amabini e Ramente.

Kuxelwa ezokuba u Rev. A. T. Wirgman, D.C.L., wase Bhai wahlu- kene ne *Southern Cross* abengu Mhleli wayo ekupeleni konyaka, eza kushici- lelwa e Rini ngu Dean Holmes. Kwi nteto ka Mr. Wirgman—ingqibela- ka-nqoyi — kubonakala ukuba i *Southern Cross* ayipumelelanga ngendlela zokungaxhaswa, nangona ibike yaquba kakuhle kwiminyaka emine nemihlanu eyadlulayo. Kodwa singati tina isizekabani sikwa no Mhleli lowo upumayo ngenx' enokuba, kokwetu ukuqonda, i *Southern Cross* yeminya- ka eyadlulayo yona yayilipepa elidle- kayo, elinamandla,lipangalele ngoluvo, kangangokuba eyezimini isitikiva esingaxeli 'nto, inomoya ongamkele- kileyo omuncu.—Ipetshana eliqabuki- leyo rpa ebeliblelwa e Natal ngu Rev. W. Flint le Bandla lase Wesile, ekutiwa yi *Church Record,* sinosizi ukuti linqunyanyiswe kunye nokupela konyaka ogqitileyo ngokuba obengu Mhleli walo ehlalele ukufuduka e Mgungundlovu esiya e Kapa, ngokwesiko elazekayo lase Wesile.

U Rev. W. J. B. Moir, M.A.

Ekubeni esebenze iminyaka elishu- mi enze into enye u Rev. Mr. Moir wase Lovedale uyawela uya kwelama Biritani ngalenyanga apo ayakupumla unyaka wonke. Ukukaulela lendawo amaluugu eqela elizititshala amnike umbuliso wentliziyo nokuvakalisa inkoliseko; kwangokunjalo omnye uvele kwikhaba elintsundu nododana olufundayo, kude kube kwabomzi womtinjana, yomibini iyikumbule ngentliziyo inkonzo ka Mr. Moir yokukonza i Lovedale. Ekupenduleni uyalele lonke ikhaba elintsundu ukuba likumbule xa lipumileyo okokuba udumo Iwe Lovedale nokunconywa kwemfnndo ye Netevu, kuxhomekeke kupela pezu kwenkutalo ne nzondelelo ukwenza okulungileyo. Singati tina into eyenziweyo likhaba elise Lovedale ngalendawo iyakuseke-lwa ngemibulelo ngabantu bakowetu kulo lonke elilizwe abaqondayo kakuhle ngemisebenzi yokukonza umzi eyenziwe ngu Mr. Moir ngexesha ebengeko u Dr. Stewart. Baya kum- nqwenelola uhambo olumuandi kwane bolide emyuli.

Ibandla lase Wesile.

INTLANGANISO YABAFUNDISI BASE RINI.

Lentlanganiso ingene e Bhai ngo January 8, 1885

ABABEKO.

Rev. Theo. Chubb, B.A., Chairman ekwa yi Resident ye Conference, esihlalweni; kwabmahlope Rev. E. J. Barrett, Rev. 8. B. Cawcjd, no Rev. A. J. Lennard wesebe lemftndo njalo njalo; Abantsundu babeko bonk# ngapandle ko Rev. C. Lwanaogulayo, no lev. John Sikwebu ozibike ingxakeko, zazaingxakeko zabo zavuny wa.

UMBHALI WENTLANGANISO.

Kinyulwe umbhali, laza iqashiso lawa pezuko Rev. A. J. Lennard.

UKUQALWA KOMSEBENZI;

Kiqalwe ngezimilo ekute kwapuma inka- lazoflgokuhamba nge Cawa kwabazalwana abatile abesuka e Rini ngo Mgqibelo baza kunjena e Bhai nge Cawa kusasa, kutiwa i Cawa yabehlela e Alicedale. Lento ya- nyaizelwa kunene yi
Ntsimb' ebandayo,
U Bamba ngazibini;
U ndozil'inqilo ndidi igwangqa. Ukuze ndibe nomtetoerementsni.
Ixolwe kunene, baza abazalwana balivuma ityala labo kunene beyixela into ebunyanzelela ukuba bahambe ngemini ye Nkosi.

UPAU.—Lento siyibekela ukuze abantu bakowetu baqonde ukuba nkuhamba nge Cawa kokwapula umteto ekungavunyelwe nokuba kukubani, yaye ke lento kutiwa lidlala lase Bhai ne Rini. Ngoko sisiyalo kabo bonke.

INTO EZIFILEYO.

Kungene ingxoxo yokutya inyama yenkomo ezizifeleyo. Noko lento ibe mbi kunene ukava ukuba kuseko abanjalo. Leugxoxo ugati iya kukangelwa kwi Kounfa.

UPAU.—Into ebonakeleyo ezingxoxweni kukupelelwa ngamandla. Kufuneka ukutadisha ukuxoxa, kuyabonakala ukuba kwakamsinya kuza kubhalwa Ikabodi kwindonga zendlu ye Binodi. Ubungcwalisa bengxoxo bumkile.

ABANQONQOZA EMNYANGO.

Amadodana umlingwa ise ngu John Masiza; abanqonqoZela ukungena ngo Elijah Mdolomba no John Mtobi. Okuya kubehlela kobuye kuvakaliswe ; kodwa kuko itemba lokuvulelwa ucango.

U KONOSKAP NGOKUHLWA.

Ngokuhlwa ibe yi Ronoskap. Kungeniwe inkonzo ivulwe ngeculo nomtandaza yi Bishop, ngapakati entendelezweni ibe yi Bishop yase Bhai neyase Xesi, Revs. C. Bekwa, Samael Nobe, no J. Ncalo.

UMHLALI NGAPAMBILI.

Knnyalwo u Mr. Alexander M. Njokweni ukuba at,ate isihlalo. Etnva kokwenza amazwi abukali wahlala. Ucele u Rav E. J. Barrett, Umongameli wase Magqunu. kwebeni, wenza amazwi abukali exela mhla wafika into ayibonayc, uti wabona isikula se Cawa esasisincinane, namhla ubona into enintshi yabantu. Masicupe ke. Inteto ete yabaluleka yeka Rev. J. Noalo obalise uge Ronoskap yendawo ayekuzo, kuqala utete ngomntwana owati xa wayengenanto yokunika wazinikela inqu yake wnti niaku. hliswe i plate, waze wazifaka wonke kuyo wazinikela ku Tixo, kanti uyakuba ngu mfundisi; owesibini wanikela ngezitena ezitini zaza zageinwa zafakwa ekwakiweni kwetyalike, WenZe elinye ibali elimnandi lase Nxukwebe. Uti kuko umzana omnci- nane abe mana ukuti umfundisi makuye kushunyayelwa kona, abashumayeli bebe mana ukwala. Ngalinye bade baya bafika ingutnzana ondlwana zingengapezu kwa maahutni amabini, kanti lomzi livaba lamagqira abawafumana engengapantsi kwa 39 (kwadunywa), uti bushumayela kwa gqoboka nenxenye yamagqira, ngoku bazakwaka isikula semini. Inteto yalo mzalwaua ibe yemnandi kunene nete yadala uluvo olumnandi ezintliziyweni.

Kwesi situba kutete u Rev. O. Bekwa ote yena watshisa emalini apa yada yashukuma mtlauganiso. Kutete umgoini sihlalo owa- yete kwase ntloko isihlalo wasivula nge 5/ wati ke bonke mabenjenjalo, yeka barola, kanti akukabikonto.

Kusuke umfundisi wase Rini walitenga nge sheleni ilungelo lokuteta, ihle apo ke into, ute nfuudini i Bhai kutiwa ngu No. I, kodwa namhla nje i Rini liya kulinqanda njengokuba lenjeujalo ngo '92. Wateta umfundisi. Ungene ko Mise— izidalwa ezibutataka—ebonisa ukuba bona e Rini o Miss bawnpete umzi, waxela ngokurola kwabo. Yeka, ute akukwelela kwawa isipango ku Me umfo ka Rwexu, itengwa lokugqibela ekubonakala ukuba i Bhai lite laeo lirola itemba lokugqibela, ngazwinye ayibauga mali eroliweyo ngobobusuku ibe yinkanqa, kude kwavalwa iyimirozo abantu besiza nemali, benza £17 9,7.

ISIPOSO.

Kute ngokungxama sayishiya indawo yokufundwa kwamagama abantu—izitembi- so neroliweyo, kumhlope okokuba i Bhai liya kuba pambili lilandelwe li Rini. lomizi yomibini yenze ngokanoomekayo kanye.

Intlanganiso ibuye yangena NGOLWESI TATU, ndawonye namagosa; kude kwa- ko nelase Somerset East—u Mr. Andries Mayila, esite savuya kunene ukumbona. Ngolusuku akubangako ngxoxo zibalu- lekileyo kanye. Abe manintshi amagosa.

NGOLWESI NE.

Ingene kwakusasa intlanganiso. A- kubangako ngxoxo zibukali ngapandle kweyezi Sekiti zimbini—u Tuku no Mtati, ngobufutshane bazo emalini ezi- sisondlo sabafundisi. Ke elinye lama- gosa libonise ukuba eziziqingata zenza ngabom, zinako ukubaxasa abafundisi, koko azifuni. Ite yakuvela lento ya- vusa inteto ebukali. Kubonakele ukuba eziziqingata azifuni bafundisi zinga- zimisele nokubaxasa, ke emeblweni abafundisi namagosa amanintshi kubonakele ke ngoko ukuba mazibe naba vangeli kuba zinintshi indawo ezifuna abafundisi zinako nokuba xasa indawo ezinjelnge Bai, i Rini, nakwa Marcia. Kwabonakala ukuba ukuba azilumki eziziqingata kusaza kulila ibungane ezindlwini zabafundisi kwezondawo.

DURBAN.

I Durban, e Peddie ifuna ukwaka indlu yomfundisi wayo ontsundu kumhlaba we Institution ekubonakeleyo ukuba kulento i Durban ihamba enku- ngwini. Kubonakala kanjalo ukuba iyakuke ijame enkungwini ixesha elide. Nantsi ke into—abantu base Ngqushwa abavumi ukutenga umhlaba wabafu- ndisi babo bake indlu yabafundisi abantsundu kuwo. Bafuna bona ukwaka kulo we Institution, ngazwi nye bafuna ukwaka ngentsiba zonohenge.

NGOLWESI HLANU, JAN. 11, 1895.

Ingene kwakona intlanganiso, emva kwentwanantwana kunyulwe amagosa, ivoti zema ngoluhlobo—Mr. Peter Nkosinkulu, wase Rini, 22; Mr. James Matshoba, Cradock, 17 ; Mr. Alexander Njokweni, Empekweni, 12; Air. Elijah Mdolomba, e Bai, 1. Yabake u Air. P. Nkosinkulu no Air. James Alatshoba bayanyulwa, imilalela yango :—Air. A. Njokweni no Air. E. Aldolomba.

INGXOXO.

Kungeniswe ingxoxo yabafundisi, oko kukuti imivuzo yabo, umbuzo ngulo: Alayibe yintonina ubuncinane bomvuzo wabafundisi abantsundu ? ibe yintonina owabalingwa babafundisi? Kulendawo kuvuke utuli kumagosa. Asimazi oli- zwi lingaviwanga, into ete yamangalisa nentlanganiso ke leyo, ebe soloko ete tu kwase kuvulweni kwentlanganiso yawo kuggitywe ekubeni umvuzo ube ngoluhlobo Owomfundisi ozeleyo ungabi ngapantsi kwa £80 ngonyaka; owomlingwa ungabi ngapantsi kwa £60.

EYONYAK' OZAYO INTLANGANISO.

Intlanganiso yonyaka ozayo we 1896 iyakuba se Cradock.

UKUVALWA KWEYAMAGOSA.

Kufundwe ingxelo ezipatclcle kweya magosa intlanganiso. I chairman inike isiyalo kumagosa esimnandi nesikuta- zayo kumntu wonke.

IVOTI YOMBULELO.

U Sir. James Alatshoba undulule ivoti yombulelo ngamazwi amnandi kunene, waza wasekelwa ngomnye wabafundisi, yaza i chairman yawamkela ngamazwi aboniea ukutakazela okukulu,

Ibala Labadlali.

Ngezantsi gingenise inewadi ze Champions ngenqaka lomdlalo e Monti. Bibanika ituba elizeleyo lokuzibokoxa ngalendawo ekubeni singasuki nangenyawo olunye kwinqaku lase Monti. Singayi kubiza mntu ngagama naku sengceleza inteto leyo, angaziva ngokwake.

* * *

Kaujaqo lembekieo ehlabatini ngokuzi. pata okuhle kwe Champions akunayo nento yokwenza nalento ekubeni singatetanga uento ngalonto nazo. Nobuoene obu asizingcanga ngabo, singatshongo nokuti sibalelwa kolodidi njengokuba izishumayela i Champion.

Siya kuqokela siti kuyanqweneleka ukuba amawetu ebholeni apa kudlalwe a " friendly game of cricket " ingabi yeny' into ales zal komen." * * *

HAY! UMZONDO UNGA ZIVI UKUNUKA.—Le Mhleli yitnpendulo yento ebonakele kwi Bala Labadlali kwi pepa lako le 8 January, 1895. Kubonakele inteto engaziwayo siti tina Champion; ngokwenjenje ndipikisa yona. Iti " Sadiniswa kakulu apa yinteto edlubukileyo epuma kumlotno odlubukileyo womnye we Champions." Itsho ke lendoda ingu " S." ihambise. Kwindawo yokuqala ndingapawula indawo yokuba u 8. lo ngubanina ? Isizatu sokuba azifihle siaipina engati pofu uteta isizatu eSifenelekileyo nje (ukuba siko) ? Kum ke mhlayimbi esisizatu asiko, engoko woti akulifaka elona gama lake, abe segcagasini, aziwe ndidi alulo, aziwe noburabhebhe bake; ibeke lonto iyapela njalo. Kungenjalo, woti mhlayimbi wonke umntu akuzifaka elona gama lake, ati, " Hayi Umzondo ungazivi kunuka ; " ibe kengoko iyapela into ebitetwa, iukuku ibe isikwe umlomo. Eye sitatu indawo, u 8. akaxeli nteto ebonisa, kulenteto ayiteta- yo, kudlubuka kwanteto akala ugayo; uti umzi mawuzindle. Nteto nina leke akala ngayo ati yayiyedlubukileyo ? Isi Xhosa asisifutshane kmgangokuba ayiogo vakali into eyayitetiwe—itetwe ngu 8. ngohlobo olufanelekileyo. Ndiyabuza ke ku 8., umfo ekubonakala ukuba ulinene ngohlobo Iwake ekungati kanti ngokwabanye akalilo,—ifa. nelekilena, buuene na ukukankanya umbuto wamanye amanene anje nge Champion epepeni lomzi, ibe ingavakali into okala ngayo? Andikolwa ukuba Mhleli n 8. unokuyixelela into i Champion nge cricket ngokndlalwa kwayo, nokuzipata kwabantu abayidlalayo. Kuyo yonRo imibuto yaba- muyama nge cricket andikazange ndawu- bona umbuto omnyama ozipete kakuhle njengayo Ndiyukolwa ukuba i Port Elizabeth, i Uitenhage, Grahamstown, i Queens town, i East London, i St. Matthews, i Newlands, nezmye indawo zingayi ngqina lonto nge Champion. Akukazange kubeko mbuto ugqite umbuto we Champion ngoku- zipata kakuhle, kumhlana eiva ngo S. ukuba lombuto nnabantu abanenteto edlubukileyo. No 8. lo ke asikamboni banene bake, naku. bazi kwake into ebunene. Asingeteti nto ke ngomntu ongaziwayo ; woti kanti uliue- no, kodwa eiilablekileyo lauxaxha; ukanti lifokotshela ebelifanele ukulahleka, umhla- yitnbi yimbulu emakasaua. Mna ndiya kulibeka elam igama ndingena ntaka ntonje.

WILLIAM N. SETI, i Champion endala;

King Williamstown, 10 Jan., 1895.

U " 8." NE CHAMPION C.C.—Kwintlanga- niso ye Komiti ye Champion C.C. kngqitywe ekubeni kutunyelwe lenowadi ku Mhleli we " Mvo," eyimpendulo ye Champion kwi newadi ku "8." enenteto yokuba kuko inteto eyenziwa ngomnye we Champion e East London—eyinteto ati u " 8." lowo ye " Dlubukileyo, epuma kumlomo odlubuki. leyo, njalo-njalo." I Champion C.C. iyayi. pika indawo yokuba kekwako inteto eku- ngatiwa yedlubukileyo epume komnye wamalungu ayo. Yaye inga u " 8." anga. pumela ngapandle nenteto leyo awupakele umzi, anganeli ukungcolisa umbuto we Champion ngenteto equshekekileyo, naye angayixeliyo. Ukuba ke ingcole ngangokuba akohlwe *kakuyipimiaelu, ngovvuke* umlomo esidlangalaleni—oko kukuti ayifake epepeni lomzi. I Champion inganela kuku- ha kubizwe amadoda amakulu apa anokuti u " 8." ayixele kuwo uknngqina ukunyani- seka kwendawo ayitetayo. Elokugqiba i Champion no " S." lowo ilusizi kukuba ingamazi inqu kwa tiobuni bake, kuba kuko ukati kanti umntu ebelekeke emhlana wo Mhleli nje liramnewa elimikondo inibi, into enebala enqeni, engavuyiswa kakulu kukubona into engati isisihlava kwabanye, ukuze ngoko ibe neqela enalo, okanye etandayo ukungcolisa abanye. Ngokokuba ubani lowo u " 8." ateta ngaye abe yena akasamkumbulele buneneni, i Champion yolinda ukude avele u " 8." ibone nokuba yena ngongade abe nanto ayaziyona ngobu- nene, waye elilona yena.—Egameni lombuto we Champion,

TASK ZONDANI, Captain,
ROBT. MANTSAYI, Secretary.
Brownlee Station, 10 January, 1895. 8.

INGQAKAQA.—Kuxelwa ukutota okukulu kwengqakaqa e Rini.

E RACTINI.— Bati iyapela ngoku ingqakaqa e Rautini, ihospatala ipants' ukuba BC.

NGEMPILO YO MNUMZANA.—Impilo ka Sir Thos. Upington kutiwa ibahlaliso kakubi abahlobo bake abaninzi.

INGENISO YAMAZIBUKO OLWANDLE ASE KAPA. —Eka December ibonisa uncipo Iwa £6,500, olonyaka Iwa £21,500.

E NEWFOUNDLAND.—Kubanj we e New. foundland umpati nabalauli abane be banki yakona, babekwa ityala lokukohlisa engxe. Iweni yabo.

UKUBANJWA KOKUTIWA LISELA.—U Nnta" minani, u Easton undulukile e Kapa ukuya kuputuma indoda apa ekutiwa yenza ubu- menemene u William Lippert e America.

INGOZI KU LOLIWE WASE CAAVA.—Ulolíwe wase Cawa ngolwesi Hlanu clungapaya wapukelwe yivili e Rini, ekute lonto yaba- ngela ukuba angabi nakunduluka ixesha elide.

IDABI ELIKULU.—Ngenye imini apa kwa- hlulelene i Netevu ezi 1,100 ezisebenza ko Messrs. Lewis & Marks etnalahleni pezu kwe Vaal River. Basesihlanwini abafileyo —isininzi sangxwelerwa kakulu,

UKUBHUBHA KWE MEYA.—Kuxelwa uku- bhubha kwe Nkulu Yomzi wase Somerseti kwiveki engapaya, u Mr. John Hughes. Ube ngumntakwabo Mr. Edward Hughes wase Berkesdoropu. Izihlobo ezininzi eziya kumvela kakulu.

INGOZI KALOLIWE.—Itreni ebivela e Bhai isiya e Rafa ngolwesi Ne Iwengapaya inabahambi abaninzi ifike kwindawo emke namanzi kufupi ne Aberdeen Road yehlelwa yingozi. Kwenzakala kakubi abantu aba. bini; omnye kubo ubuye wafa.

IFANDESI KWELYSE BETSHWANA.—Amafa- ndeai emihlaba abequtywa ngu Rulumente wase Kapa ngo 4 January e Betshuana anconywa impunaelelo entle. Kwifatna ezi 38 ezixhonyiweyo ziyi 34 ezifumene abatengi—zenza ngapezu kwa £20,000.

CARNARVON —Oweli lingezantsi, okwelo lipezula, ubhalela utnhlobo wake apa encoma into embi ayibone kumtshato welozwe oku- mbulelekileyo efike ikali yokutshata ingenalo upahla; kwaza nkupatwa kwabamenywa kwakokurabaxa. Akasakumangaliswa umlesi ukuyiva lonto xa kutiwa into eyaba pambili esidlweni eveliswe etafileni zibhotile ze " brandy."

ISIGITSHIMI ESIBUKALI.—Kutiwa ngale ntlanganiao inkulu yabatunywa batna Bhulu babangawamkeliyo umteto we Bhulu, umo- ngameli wayo ufuujatiswe lenteto, ukuba azise ku Hon. J. H. Hofmeyr :—" Ukuba unga ungalikokela iqela lama Afukandala (ama Bhulu) mkubonise oko ngezenzo. Zi- nyulele—akunakukonza u Mr. Rhodes kunye nama Afukandala."

BUTYWALA BONA.—Ngomhla we Nyibidyala umnquli we gilasi ute ediniwe wafumana iudawo yokusipumza pezu kwemigaqo kaloliwe ngapa e Tankatara (Enqweba), itreni egqite Witmoss kwa isitishi sika loliwe, elinye ngalondlela " imshantele " kwelizayo. E inxila ebelidiniwe lalala kwase mgaqweni imke nendlebe yodwa imilenze yetreni. Yasinda ngezinye indlela inkewu.

QONDANI — Amakwenkwana ahamhisa elipa pa e Qonce akavunyelwe ukuhe atbagise ngalo. Abafuna ukulitenga banokulifu wana kule Ofisi kupela nakwa C.W, Bluhm

BUQUBELA PAMBILI NA UBU-KRESTU ?

[ELIJAH MDOLOMBA.]

Ndicela kwindawana kwelo pepa lomzi wakowetu ukubonisa kwakona ubuyo-mva lobn Krestu kumzi wakowetu, nokuya ndingazingei ngokuti kuko luto ndilwaziyo ngalombtizo unga- ka ukuba inkulu, noko ndolinga njengoko ndinako, akuko kufa kuhle. Lombuzo nakuba ungowokutsala ingqondo, eyona nto ujenge kuyo kukubonisa ubuyo mva lobu Krestu kwelixesha letu.

1. Ndinovuyo ukuba ndike ndanetutyana apa e Bhai apo kuko intlanganisela yentlanga ngentlanga, apo kuko imbedesho ngembedesho, endite ke ndazama ukuziqwalasela. Ndifumene ukuba u Tixo uyakonzwa zintlanga, ewe, kodwa ama Slamsi nama Indiya amkonza owawo u Tixo ngapezu kwezinye mtlanga; ngazwinye, imbeko ayenzayo yengum-mangaliso. Iti lento yalembeko indikumbuze ukufika kwe Lizwi kulo wakowetu umzi ukuhlonelwa kwalo, ngangokuba igama lika Tixo belingento yakufeketa, iugatandatyuzwa ; imini ye Cawa ibekwe ngokungumangaliso, amanzi engakiwa, kungacandwa zinkuni, engena kuhamba umntu nge Cawa; ngazwinye, u Tixo ebebekiwe. Kodwa kunjanina ngoku? Igama Lopezu-Konke yinto yokufeketa kumzi ontsundu. Kangela nanga amantombazana ehlamba izitya, ukuba ngakuteleyo noko zidla ngokuhlanj wa ngo- nina, makuweke isityawovaisiti: Nkosi! Tixo! ! into ebingeko ke leyo ; yaye iyinto ebonakalisa ukuba u Tixo asimbekanga. Kwakona ylya ezinkantim, apo uya kufika kupehlelelwana egameni lo Pezu-Konke, kuvunywa amaculo ake pakati kwalo manyumnyezi. Yiya nokuba kukuwupina umtshato wase sikoIweni wotika kupoxwa ngegama Jomdali. Niti ke malingabaleli ? Ndinyanisile akukabipi ukuba asinakubuya senze ububhetele, ati amagqoboka enene ata- ndaze nqi. Yinto ebonisa ubuyo-mva lobu Krestu ke le kumzi wakowetu, kuba bezingeko ezizinto ukufika kwalo.

